

# VAKALISA ULUVO LWAKHO! ULUNGELELWANISO LOKUPHELA KONYAKA KA2019/20 KWISAKHEKO SENGENISO NENKCITHO SEXESHA ELISEMBINDINI (I-MTREF) NGOKUJOLISWE KUMAKHADI AMANQAKU EZIKO NAKUMAQUMRHU AZIMELEYO KAMASIPALA NGENXA YESIFO IKHORONA (COVID-19)



ISixeko saseKapa sihlaba ikhwelo kuluntu lokuba livakalise uluvo kulungelelwaniso lokuphela konyaka kwisakheko sika-2019/20 sengeniso nenkcitho sexesha elisembindini (i-MTREF) ngokujoliswe kumaKhadi amaNqaku eZiko namaQumrhu azimeleyo kaMasipala (iZiko leNkomfa leZizwe laseKapa nelingeStediyam saseKapa) apho luyinxalenye ye-IDP yango-2017 -2022. Oku kunxulumene nolungelelwaniso lokuphela konyaka ngenxa yesifo iKhorona (i-COVID-19), ngokungqinelana nesigqibo seBhunga sowama-27 kuCanzibe 2020. NgokweCandelo-17 loMthetho wobuRhulumente boMmandla ongoLawulo lweeNkqubo zikaMasipala onguNomb.32 wango-2000, uluntu namaqela anomdla okanye imibutho iyakuthi inikwe ithuba lokungenisa izimvo, izindululo okanye izilungiso ukususela ngowama-28 kuCanzibe (Meyi) ukuya kowe-17 weyeSilimela (Juni) 2020.

Izimvo, izilungiso nezindululo zingangiswa:

- Nge-imeyile: [idp@capetown.gov.za](mailto:idp@capetown.gov.za)
- Izingeniso ezibhaliweyo/ezilungele ukuposwa: Mazingeniswe kwi-ofisi ekufutshane nawe yeBhungana.
- Iwebhusayithi: [www.capetown.gov.za/haveyoursay](http://www.capetown.gov.za/haveyoursay)

Siyakuthi sincedisane nawe ukuba ufuna ukungenisa izimvo kodwa unokukhubazeka okuthile okanye awunakho ukufunda nokubhala. Qhagamshelana noZandile Mahlasela kwa zandile. [mahlasela@capetown.gov.za](mailto:mahlasela@capetown.gov.za) okanye u-Margaret Isaacs kwa [margaret.isaacs@capetown.gov.za](mailto:margaret.isaacs@capetown.gov.za)

Ulungelelwaniso lokuphela konyaka kwisakheko sengeniso nenkcitho sexesha elisembindini ngokujoliswe kumaKhadi amaNqaku eZiko namaQumrhu azimeleyo kaMasipala, luyakuthi lufumaneke kwii-ofisi zamaBhungana nakwa [www.capetown.gov.za/haveyoursay](http://www.capetown.gov.za/haveyoursay).

**Qhagamshelana nesetyana le-IDP kwa [idp@capetown.gov.za](mailto:idp@capetown.gov.za) ukuze ufumane ingcaciso ethe xhaxhe.**

LUNGELO MBANDAZAYO  
UMPHATHI WESIXEKO  
6/1/2020



CITY OF CAPE TOWN  
ISIXEKO SASEKAPA  
STAD KAAPSTAD